



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2015**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P1**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**



---

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU.  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)  
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo ngalinye.
5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.
7. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:  
ICANDELO A: Imizuzu engama 50  
ICANDELO B: Imizuzu engama 30  
ICANDELO C: Imizuzu engama 40
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**BUBOMI OBO**

- 1 ULehlogonolo 'Nolo' Phiri wakuRhythm City usibalisela ngobuntwana bakhe, ukulandela amaphupha akhe, ukukhuliswa ngamabhinqa omeleleyo nokuba ngumama.
- 2 Ndazalelwa ePolokwane, eLimpopo apho ndakhuliswa ngumakhulu wam eMusina, ngeli xesha umama wam wayefunda ePolokwane. Mna, umkhuluwa wam nodade wethu omncinci safudukela eJo'burg nomama ekuqaleni kweminyaka yee-90s, emva kokuba eggqibe izifundo zakhe. Andikhumbuli lukhulu ngotata, kodwa ndiyazi ukuba ndifana naye kakhulu. Kudala ndizithanda iifilimu. Ndandifunda kwiNational School of the Arts emva koko ndafunda iDramatic Arts, izifundo eziphambili ikukuvelisa. Umsebenzi wam wokulinganisa wawunjengoDineo kuMuvhango ngowama-2006. Emva koko ndaqeqeshwa njengomlawuli nomvelisi eWord of Mouth Productions. Ndikwaqale inkampani yokuvelisa nomhlobo wam okufutshane nonetalente kakhulu, uTessa Made. Emva koko ndangena kuRhythm City ka-etv, apho ndidlala uNikki.
- 3 Utata wayemphethe kakubi umama wam. Umama wayesichazela yonke into nomntakwethu. Ndandineminyaka emine yena enemithandathu. Wayecacisa, aze asicele ukuba siye egumbini lethu ngeli xesha bexoxa. Umntakwethu unonyaka oneenyanga ezisixhenxe ubudala kunam, ngoko besisoloko sibambene, kodwa udadewethu wayemncinci kakhulu engakwazi okwenzekayo. Umama wasifudusela eMidrand, emntla weJo'burg ukuba sibe kude kutata. Wayesazi ukuba wayengenakusifumana phaya. Kubi ukuba impatho mbi yasekhaya yasikhokelela eJo'burg kwaye ekugqibeleni kubomi esibuphilayo ngoku. Mna notata sasingekho kufutshane, ngoko ke ndandilusizi ukusweleka kwakhe. Eyona nto inzima kwimpatho mbi kuxa umntu omthandayo ekwenza buhlungu, ubomi bakho buyatshintsha. Ndabubona ubomi bukamama butshintsha, wayeba lusizi nje ngeentsuku ezimbalwa. Ndandingenawo umsindo ngakuye ngokungahambi, ndicinga ukuba le yamothusa kwaye wayengafuni kuyamkela. Andinamsindo ngakutata. Ndicinga ukuba mhlawumbi umama wayembona engenguye unkosikazi wesintu lo wayemfuna kuba wayesebenza kwaye engaxhomekekanga ngokwasemalini. Loo nto yayingamniki ilungelo lokuba amphathe kakubi. Ukukhula kwakungekubanga lonke ixesha, sasinawo amaxesha amnandi njengosapho. Ukusweleka kukatata ngowe-1994, babohlukene iminyaka emibini. Ndiyakhumbula ndiye emngcwabeni ndibona umama elila, kodwa andimkhumbuli ekhathazekile. Ndandingazazi ukuba ndizive kanjani.

- 4 Ndakhuliswa ngamabhinqa amabini omeleleyo, aphembelele ibhinqa endililo namhlanje. Amandla kamakhulu alele kwiindlela zakhe zokukhulisa nokuthanda. Umama uthande ukuba ngqwabalala. Ungqalile kakhulu, akakwazi ukulinda kwaye uthanda izinto zenzeke ngokukhawuleza. Akanabo ububele, alikho ixesha leenyembezi okanye ukwangana okanye ukulila. Uyaqhubeka kwaye uhleli omelele. Ndifana naye kunomakhulu. Ndazimela ndiselula ebomini, ndazihlalela ngexa ndineminyaka eli-16. Ndandisebenza njengomthengisi kwivenkile yomyili ethengisa izinto zendlu nezipho eSandton. Ndandizihlawulela ngokwam iindleko zokuphila. Eyunivesithi ndandisenza amacici ndize ndiwathengise. Andizange ndibe nekratshi, xa ndifuna imali kwaye kufuneka ndicele i-R5 emntwini, ndandiyicela. Ndikwinqanaba ngoku apho ndiziva ndikhululekile ukuyeka omnye umntu andincele. Ndineqabane elimangalisayo endadibana nalo kwisikolo samabanga aphakamileyo. Sahambisana iminyaka emithathu, sohlukana saze sahlala singabahlobo kwade kwayiminyaka emithathu edlulileyo apho sagqiba ukuba sibe kunye kwakhona. Ndiyamthanda kakhulu kuba undenza ndizive ndikhululekile kwaye ungumntu oqondayo.
- 5 Ndandisoloko ndibathanda abantwana, kodwa andizange ndifune ukuba nabam ngenxa yokuba ndandicinga ukuba baza kulibazisa umsebenzi wam. Umsebenzi wam wawusoloko usiza kuqala. Ngoko ke ukukhulelwa kwam ngowama-2012 ndaze ndalizwa ngonyana uLeruo ngowama-2013, kwakufuna nditshintshe ingqondo. Kaloku ngoku kwakukho lo mntu mncinci uluxanduva lwam. Ndiyakuthanda ukuba ngumzali, izinto andisazibethisi ngoyaba. Ndimkhusela kakhulu kwaye andifuni kumkhulisa ngendlela endikhule ngayo. Akufuneki azive esoyika kwaye ethintelekile njengokuba kwakunjalo kum. Ngoko ke ndizama ukuba ndimnike ikhaya elikhuselekileyo nelonwabileyo.
- 6 Ngaphambi kokuba ndifumane uLeruo abantu abaninzi babecinga ukuba ndiyazidla. Ndandizimele ixesha elide yade yonke into yasoloko ingam. Ndandingumntu ozithembileyo, kodwa yonke loo nto yaphela ukukhulelwa kwam. Umzimba wam watshintsha, ndatyeba nokuzithemba kwam kwaphela. Nasemva kokubeleka ndandingaziva kamnandi kwaphela. Ndayiqonda indlela endandikuxabise ngayo ukuzithemba kwam, inkangeleko nomzimba wam. Into yokungakwazi ukunxiba into endiyifunayo, kwandenza ndalangazelela ngamandla ukubuyela esiqwini sam. Ndaya ejimini ndaze ndatshintsha nedayethi. Ngaphambi kokuba ndazi, ndandibuyele kumzimba wam wangaphambi kokuba ndibe nosana. Oku kwakuthetha ukubuyela kwiingcinga ezakhayo, ukuzithemba kwam kwabuya, kwaye ndiyakonwabela.


[Sicatshulwe kwimagazini *iBona kaJulayi 2014*, amaphepha 124-125, saza sahlelwa]

- 1.1.1 Udlala kuwuphi umdlalo kamabonakude uLehlogonolo? (1)
- 1.1.2 Kwakutheni ukuze akhuliswe ngumakhulu wakhe? (1)
- 1.1.3 Bangaphi kowabo? (1)
- 1.1.4 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kulo mqolo ulandelayo.
- Umsebenzi wam wokulinganisa wawunjengoDineo kuMuvhango ngowama-2006. (1)

- 1.1.5 Yakha isaci esingqinelana nale ntetho ilandelayo usebenzisa igama elikwisibiyeli  
Andikhumbuli kakhulu ngotata, kodwa ndiyazi ukuba ndifana naye kakhulu. (umcephe) (2)
- 1.1.6 Yeyiphi ifilim eyayidlalwa nguTerry Pheto neyawina indebe phesheya yabeka eli lizwe kumanqwanqwa aphezulu ehlabathini? (2)
- 1.1.7 **Yinyani** okanye **bubuxoki** ukuba utata kaNolo nomama wakhe bohlukana ngowe-1992? Zixhase ngokucaphula apha kwisicatshulwa. (2)
- 1.1.8 Ingaba ingxabano yabazali bakaNolo yamphazamisa njani ekukhuleni kwakhe? (1)
- 1.1.9 Ngokwakwiscatshulwa zizathu zini ezabangela ukuba utata kaNolo amphathe kakubi umama wakhe? (2)
- 1.1.10 Nika intsingiselo ecacileyo evezwa ligama elinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.  
Umama uthande ukuba ngqwabalala. (2)
- 1.1.11 Le ntetho “Sahambisana iminyaka emithathu” ithetha ukuba:  
A Babehamba kunye.  
B Babexelelana izinto.  
C Babethandana.  
D Babexabana rhoqo. (1)
- 1.1.12 Xa unguNolo, ubukele umama wakho ephethwe gadalala ngutata wakho, ungenza ntoni ukukhulula umama wakho kula makhamandela? (2)
- 1.1.13 Njengoko uNolo wathi wohlukana neqabane lakhe iminyaka emithathu kodwa baphinde babuyelana, wena wawungavuma ukuba nibuyelane, kuba kutheni? (2)
- 1.1.14 Xa kusithiwa umntu ‘uyazidla’ kuxa kubhekiswa kumntu onjani? (1)
- 1.1.15 Xela into ibenye eyanceda uNolo ukuba abuyele emzimbeni wakhe emva kokubeleka. (1)
- 1.1.16 Kulungile okanye akulunganga ukukhulelwa kweentombi zingekatshati? Zixhase. (2)

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Phendula imibuzo esekwe kulo mfanekiso ungezantsi



[Ucatshulwe kwimagazini *iBona* kaOktobha 2014, iphepha lama – 76]

- 1.2.1 Ingaba olu sapho lonwabile? **Ewe** okanye **hayi**, ze uzixhase. (1)
- 1.2.2 Lo mfanekiso wohluke ngantoni kwintlalo yakuloNolo njengoko siyichazelwa **kwisicatshulwa A**? (2)
- 1.2.3 Xa ungakhethiswa, unganqwenela ukuba ngumntwana wakuloNolo okanye ube ngumntwana wolu sapho **lukumfanekiso B**? Cacisa. (2)
- 1.2.4 Xela ukuba ezi zicatshulwa zibini (A no B) zifana njani? (1)
- [6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

1. Funda ngocoselelo esi sicutshulwa singezantsi uze usishwankathele ngamazwi akho ungacaphuli kwitekisi.
2. Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
3. Shwankathela ngokomhlathi kuphela.
4. Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
5. Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
6. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.

**AMAZIKO AMABINI**

- 1 Naliphi na ikhaya emaXhoseni lineziko esazulwini sendlu apho kubaswa khona ukuphekela usapho ukuze lulale lutyile. Xa kuyimbalela kuba yindlala uve amaXhosa esithi ikati ilele eziko.
- 2 Ngaphandle kweziko lokuphekela, akho amanye amaziko okuphekela izinto ezizezinye ezibalulekileyo. Iziko lokuqala ukupheka isimo somntu likhaya azalelwe wakhulela kulo umntu. Umntwana ongenasimilo kubantu abakhulu kucaca mhlophe ukuba ukhuliswe likhaya ongabaswanga kakuhle kulo umlilo kwelo ziko ukupheka nokubhadlisa ukutya okuyingqeqesho yokuphuhlisa isimo somntwana.
- 3 Isikolo naso sikwaliziko lokupheka ukutya kokondla ingqondo yomntwana. Eli ziko lisisikolo alibhadlisa ingqondo yomntwana nje kodwa likwabhadlisa nesimilo sakhe. Yiyo loo nto abantwana besikolo esithile bebonakala besekumgama okude neso sikolo bafunda kuso ukuba bavela okanye baya kwisikolo esingqeqesho injani na.
- 4 Icawa nayo liziko lengqobhoko ekufuneka umshumayeli ezikhathaze ngokulungisa kakuhle intshumayelo yakhe xa eza kushumayela ecaweni kuba ngokwenjenjalo upheka ukutya aza kukuphakela imiphefumlo enxanelwe ilizwi likaThixo. Kwakweli ziko kufuneka umfundisi obizweyo liBandla okanye othunyelweyo kulo abe ngqongqo ngengqeqesho. Xa sele ingene inkonzo makungabikho mntu ungqombonyeka angene kungahlatyelwanga culo. Abashumayeli abathabatha inkongozelo mabasebenzise izitya bangathathi inkongozelo ngamaculo.
- 5 Iziko lesine lelomsebenzi apho amadoda neentokazi kuxelengelwa ukondla usapho. Kaloku umntwana nangona engowomzali nje, loo mzali umzalele ukuba akhonze isizwe. Umntwana ongondliwayo ngabazali uba yingxaki esizweni kuba uphathelela ebuseleni nakubukrelemnqa bokuqhekeza, agebenge kananjalo. Kaloku ulambile. Asitsho ke phofu ukuba bonke abaqhekezi namasela baphuma kumakhaya abangondleki kakuhle kuwo, kodwa intsusa-mabandla kukungondleki kakuhle.

- 6 Iziko lesihlanu nelokugqibela lelo kwenziwa kuqulunqwe kulo imithetho yokulawula ilizwe nesizwe. Kuyimfuneko ukuba uluntu lulawulwe ngumthetho. Le nto ibonakala ubunyaniso bayo nakwimfuyo. Ihashe elingalawulwa ngamkhala, nenkomo engalawulwa ngentambo iba yindlobongela yendlavini.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, *LO MHLABA UYAJIKELEZA* ebhalwe ngu DM Lupuwana amaphepha 77–78 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

**ISICATSHULWA D**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**GUDISA ISIKHUMBA**

**NGENCINDI YE-ALOE EHLAZIYAYO**  
 Kuba isizini eshushu isiza, isikhumba sakho asifuni kunikwa ukondliwa okunzulu kunokuba bekusenziwa ngeenyanga ezibandayo zasebusika. Kodwa, kubalulekile ukunika isikhumba sakho ukufuma esikufunayo ukuthintela ukoma, ngeli xa usigcine sisempilweni.

**Vaseline Aloe Soothe Lotion entsha ikhaphukhaphu kwaye iyahlaziya - ilungele iinyanga zehlobo.**

Lo mxube wamathontsana eBlueSeal, utshona ngokukhawuleza kwisikhumba ukuze usibuyekeze kwaye usilungise ngokuphindwe ka-3, ngeli xesha ikhala lisaziwa njengesilungisi sikhumba esigudisa size sihlaziye.

**Q&A**

**Q: Kutheni kufuneka ndisebenzise imveliso enekhala? Thandi, 40**  
**A:** Izikhumba zethu ziyakufunxa ukufuma, kodwa ukuhlala kumoya nokutsha lilanga, kungasishiya somile kwaye simbatshile. Ikhala linyanga isikhumba, ngeli xesha lisigudisa, sithambile kwaye lisifumisa. Sebenzisa iVaseline Aloe Soothe Lotion ukuze uvalele ukufuma okufunekayo uze ushiye isikhumba sibonakala kwaye sivakala sibuyezekile.

**Q: Isikhumba sam sishiyeka sinyinyitheka kukutshisa kwasehlotyeni. Ingaba kumele ndisebenzise ilotion ezahlukeneyo kwiisizini ezahlukeneyo? Nokwanda, 27**  
**A:** Xa iisizini zitshintsha, nendlela okhathalela ngayo isikhumba nayo kumele itshintshe. I-Vaseline Aloe Soothe Lotion ifumisa nzulu isikhumba ngeformula yayo engekho mandla nekhawulezayo ukutshona - ngoko isikhumba sakho sifumana izithako esizifunayo, ngaphandle kwala mvakalelo incangathi - ingakumbi kwiinyanga ezishushu zasehlotyeni.

**THE HEALING POWER OF Vaseline.**

**Vaseline intensive care<sup>®</sup> aloe soothe**  
 Restores and soothes dry skin  
 with micro-droplets of Vaseline jelly<sup>™</sup>  
 light rich non-greasy lotion

Igokufumana amanye amacebo okukhuthalela isikhumba ku-[www.vaseline.co.za](http://www.vaseline.co.za)

[Sicatshulwe kwimagazini iBona kaSeptemba 2014, iphepha lama-45]


- 3.1 Yiyiphi le mveliso ithengiswa apha? (1)
- 3.2 Ididiyelwe nguwuphi umzi? (1)
- 3.3 Ijoliswe koobani? (1)
- 3.4 Ngokwakwisibhengezo le mveliso kukhuthazwa ukuba isetyenziswe ngeliphi ixesha lonyaka? Caphula impendulo yakho kwisibhengezo. (2)
- 3.5 Sikuluphi uhlobo isenzi esinomgca ngaphantsi?
- Gudisa isikhumba. (1)
- 3.6 Le mveliso ikwesi sibhengezo ungayinxulumanisa nayiphi into exatysiswe luluntu. Khetha kwezi zidwelisiweyo.
- A Ubutyebi  
B Ulonwabo  
C Ukuncipha  
D Ubuhle (1)
- 3.7 Kutheni umbhali esebenzise imifanekiso kwesi sibhengezo? (1)
- 3.8 **Yinyani** okanye **luluvo** ukuba xa uth e wasebenzisa le mveliso isikhumba sakho sohlala sigudile? (2)

**[10]**



## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

### ISICATSHULWA E



- 4.1 Le khathuni ijoliswe koobani? (1)
- 4.2 Iqulethe wuphi umyalezo okanye imfundiso kwabo ijoliswe kubo? (1)
- 4.3 Bhala igama elinye endaweni yeli binzana libhalwe ngqindilili  
**Isiko lokuthatha umfazi** kwaXhosa libalulekile. (1)
- 4.4 Nika intsingiselo ephuhlileyo yegama elinomgca ngaphantsi  
Bayatatanyiswa ngulo rhulumente. (1)
- 4.5 Ngowuphi umhla nenyanga eyabelwe oomama kweli lizwe laseMzantsi Afrika?  
A 20 Meyi/KuCanzibe  
B 30 Agasti/KweyeThupha  
C 9 Agasti/KweyeThupha  
D 10 Disemba/KweyoMnga (2)
- 4.6 Caphula ibinzana elibonisa ulwimi oluthambekele calanye kwiqam 1? (2)
- 4.7 Ngokolwakho ulwazi ingaba ngenene abantu basetyhini baxhamla amalungelo afana nawabantu abangootata? Cacisa (2)

[10]

**UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI****ISICATSHULWA F**

Funda lo mhlathana ukule bhokisana ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

**INTAK'IMKISELE**

Kuthe kwakuba mnyama waphakama uNowethu wangena endlwini. Indoda yakhe yayilele ngomqolo emandlalweni ijongise umetyiso phezulu. Wathi akungena, yaphakamisa nje intloko, yabuya yangqengqa. Yahlala njalo ke isetyisa ezaloo mini. Ukuba wawunokumtyanda uZolile, wawungafika kumntu owonakeleyo ngaphakathi. Wayemthanda gqitha uNowethu. Ezi zimanga zamxhuzula umphefumlo engekayifumani nendlela angangena ngayo entliziyweni kaNowethu. Olu thando**kazi** ke wawungeze ulubone, kuba uZolile wayengabhabhazeli. Uthe ke esekwezo ngcinga, waphuthunywa ngumntwana ebizelwa isidlo sangokuhlwa.

Akuba ephumile uZolile, uNowethu ukhawuleze wavula ityesi yakhe wakhupha iilokhwe zambini. Wanxiba yanye, enye ilokhwe wayibophelela ngeqhiya esinqeni. Wabuya wee rhuthu idyasi yakhe nesipaji esasineeshumi leesheleni. Wayitshixa kwakhona yangathi khange ivulwe. Wakroba emnyango ngobunono obukhulu, wathi akubona ukuba akukho mntu, wee gqada phandle waphela emehlweni. Uthe uyabuya uZolile wafika kungasekho mntu. Wema ke emnyango, waphuma wajikeleza indlu emkhangela. Wabuya wangena endlwini, wema esazulwini sayo ekhangela macala onke. Lwaqala uthando lwakhe lwema ngeenyawo kuba wayezixolisa nangokumjonga oku uNowethu. Waya kuyibika kuyise le nto.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, *Ukuqhawuka kwembeleko* ebhalwe nguD.M. Jongilanga, iphepha lama-33 saza sahlelwa]

- 5.1 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.
- Wabuya wangena endlwini, wema esazulwini sayo ekhangela macala onke. (1)
- 5.2 Ingaba isimamva esibhalwe ngqindilili sibonisa ntoni kwezi zivakalisi zilandelayo?
- (a) Wema ke emnyango, waphuma wajikeleza indlu emkhangela. (1)
- (b) Olu thando**kazi** ke wawungeze ulubone, kuba uZolile wayengabhabhazeli. (1)
- 5.3 Lungisa isiphene kwigama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi singezantsi?
- Wathi akungena, yaphakamisa nje intloko, yabuya **yanqengqa**. (1)

- 5.4 Yakha isaci esithetha into enye nesi sivakalisi ngoncedo lwegama elikwisibiyeli.  
Uthe akubuya uZolile, wafika endlwini yakhe kungasekho mntu (ibhungane). (1)
- 5.5 Lisetyenziswe njani igama elinomgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.  
Wabuya wee rhuthu idyasi yakhe nesipaji esasineshumi leesheleni. (1)
- 5.6 Sebenzisa isihlanganisi osinikiweyo kwizibiyeli ukudibanisa ezi zivakalisi zibini zilandelayo:  
UNowethu wakroba emnyango ngobunono. UNowethu waphuma phandle waphela emehlweni. (waze) (1)
- 5.7 Xela ukuba igama elibhalwe ngqindilili lenze msebenzi mni kwesi sivakalisi.  
Indoda **kaNowethu** yayijongise umetyiso phezulu. (1)
- 5.8 Nika intsingiselo evezwa ligama "isetyisa" njengoko lisetyenzisiwe kwesi sivakalisi, ube sele unika enye intsingiselo engeyiyo le uyinikileyo.  
Yahlala njalo ke isetyisa ezaloo mini. (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**  
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**





